Province of the EASTERN CAPE EDUCATION

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 12

## SEPTEMBA 2023

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 3 iiyure**

**Font size 18**

Olu viwo lunamaphepha ama-8.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO amaBINI:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

   **QAPHELA:** Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCandelo B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo njalo.), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-80 (2 x 40)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

# ICANDELO A: IZINCOKO

## UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

1.1 Kwakuqubisene ezazizondana kolo khuphiswano. **[50]**

1.2 Iintlanga ezohlukeneyo zoMzantsi Afrika. **[50]**


1.3 Ndisazisola nanamhlanje ngaloo mpazamo. **[50]**

1.4 Umtya nethunga. **[50]**

1.5 Ukufunda ngamaqela kunganceda. **[50]**

1.6 Ifuthe labahlobo kuxinzelelo lwengqondo. **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.




[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.images.com waza wahlelwa.] **[50]**

# ICANDELO B: IMIHLATHI

## UMBUZO 2

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100−120 (umxholo kuphela).

2.1 **I-IMEYILE**

Bhalela umzala wakho umbulele ngamacebo akunike wona ukulungiselela iimviwo zakho. **[25]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Bhalela inqununu yesikolo sakho ukhalazele uthango oluwileyo kwisikolo sakho. **[25]**

2.3 **INGXOXO**

Bhala ingxoxo ephakathi kwakho noLuthando, umba mawube ngowokuba wonke umfundi makathabathe inxaxheba kwezemidlalo. **[25]**

2.4 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari ngogqirha obengumakhwekhwetha ekunyangeni iKhorona. **[25]**

2.5 **INTETHO**

Bhala intetho oza kuyenza kulutsha ekuhlaleni ngomba wokuba ilungelo lihamba noxanduva. **[25]**

## 2.6 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO

UnguNobhala wombutho ekuhlaleni, bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso emalunga nokwakhiwa kwebhulorho eza kwenza kubelula ukuhamba ngexa lezantyalantyala zemvula. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha